
UVela noVutivi bayolekelana. UVela nguye omdala. Badlala kunye yonke imihla. UVutivi uzama ukulinganisa uVela.







UVela usa uVutivi phezulu. Naye uVutivi uyazama. Kodwa akomelelanga ngokwaneleyo.

UVela utsala uVutivi. Naye uVutivi utsala uVela. Kodwa akomelelanga ngokwaneleyo.










UVela ukhaba ibhola. Naye uVutivi ukhaba ibhola.

UVela uyatsibatsiba.

Naye uVutivi uzama ukutsibatsiba. Kodwa akakwazi ukuma ngomlenze omnye.





UVela udanisela umculo. NoVutivi uzama ukudanisela umculo.



Lube lusuku olude olu yimidlalo. UVela noVutivi balele izidlele zitsalekile lulonwabo.